IMVO ZABANTSUNDU

(NATIVE OPINION).

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.] . [LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, OCTOBER 28, 1885. [No. 52.

Kukululekile.

KUMZI wamapolisa e Bofolo, ngati kungo 10 October, INKABI YE-HASHE emnyama, elimsila ushunquliweyo, lide ngokulingeneyo, lidala.

KWANE NKABI yehashe egwangqa; enekolo; imilenze imhlope ino P umtshiso kwinyonga yokunene, lide, iminyaka mihlanu.

Owafumenayo nongandilandisayo wovuzwa. Umkondo mautunyelwe ku

JOHN MALONGA,
Cape Police, Fort Beaufort.
23 Oct. 1885.

ISAZISO.

KUBIWE ebuhlanti inkabi yehashi apa Emcambalaleni ngomhla 16th October ebusuku. Li rwanqa eligwangqa elimpemvu elisingci simhlope netshoba limhlope amanqina amhlope omane, litshiswe entanyeni ngecala lasekunene u BR yinkabi eti ya kukwelwa imise itshoba, linomhambo omkulu ongekuko kupatsa noko. Ubudala loba kwiminyaka emitandatu ndicela amehlo kuni nonke matshawe endawo ngendawo, Ote walandisa uya kuvuzwa kakuhle wotumela apa Emcambalaleni. Wotumela nakwigosa le Mvo n Mr. D. DWANYA, nakumhleli we *Mvo Zabantsundu,* e Qonce.

Ku N. BOTMAN, c/o J. R. GILCHRIST, Qamata, St. Marks, 26 Oct. 1885.

ISAZISO.

IPEPA endilifunde ngemfundo yabamnyama kumgidi womvumo, obe wonganyelwe ngumnumzana u Justice James Buchanan
Judge President of the High Court of Griqualand West, ngoku liyincwadana engafunyanwa ngesbeleni (I/-). Amagosa ayo e Lovedale. Rev. P. J. Mzimba; King William's Town, *Imvo* Office; Port Elizabeth, Mr. I. W. Wauchope.

MESHACH PELEM.
Kimberley, 16 Oct. 1885.

KUFUNEKA.

ITITSHALA EZINTATU ezineziqiniselo. — Enye Etembeni, umvuzo £50 ngonyaka, intsapo iku 80 kuko nomncedisi. —Enye e Krom Hoek, umvuzo £40, intsapo iku 50.—Nenye Ebisa, umvuzo £45, intsapo iku 45. Bhalelani ku

REV. W. 8. DAVIS
Etembeni,
Umzimkulu.

ABAZELWEYO.

TENGO JABAVU. — Ngolwesi-Bini, 20th October, 1885, Etyityaba, Fort Peddie, Umnikazimzi wakwa JOHN TENGO.JABAVU, ubeleke UNYANA.

Kubabhaleli bam.

NDAZISA abahlobo abandibhalelayo ukuba bazitumele ngoluhlobo incwadi zam: —BOYCE MAMA, P.O., Breakfast Vlei. "22nd October 1885.

Wanted Immediately.

A CERTIFICATED TEACHER as Second Master in the Boys' School, S. Matthew's. Apply by letter or in person to the Rev. A. W. BRERETON,

Acting Principal.

Iveki.

ENYE yenkosi zase Lusutu, u Moletsane, isand' ukufa. Ibiseliminyaka ilikulu ubudala.

IBASTILE lase Bayi, u Edward H. Berness ebelifudula liyititshala yesikolo sama orlam kulodolopu, ugwetyelwe yijaji kwiminyaka emibini ngokuba ngamaqinga imali yebandla elincedisana ekwakeni, abengumbhali no. mgcini-ndyebo walo.

NGAYO leveki igqitileyo kufike ezokubhubha ngo 20 Oct. ko Mr. Jonathan Ayliff kwela Mangesi.

I RULUNELI U Sir H. Robinson ayisakuba sasuka ngexesha ebihmisile ukuhambela kwelama Betshuana nase Lusutu ngokuba uzakuhanjelwa linene ebelisakuba yi Ruluneli yase Natal u Sir H. Bulwer, na Mampondo asinge e Kapa ukuya kuteta ngemilomo no Rulumeni ngemelano yawo.

KUYO yonke into abayenzayo abaxhasi betu mabakumbule intlaulo ye *Mvo.*

U SIR H. BULWER unduluke e Mgungundlovu ukusinga kwela Mangesi ngo 20 Oct., e Tekwini ngo 22.

I BEKESDOLOPU likululeke kanye ngoku kwisifo sengqakaqa.

U SIR C. WARREN selefikile kwela Mangesi.

I BISHOP yase Manchester u Right Rev. DR. FRASER ubhubhile.

AMADODA amagama abekwe pambi kwe Bofolo ngolwesi-Hlanu ukuba ngafanele indawo ka Mr. Laing ngo Mr. Hutton, no Mr. Roberts, no Mr. D. Bowker. Iqela elikulu likolwe ngu Mr. Hutton, ukwelele u Mr. Roberts; ugqatso luyakuba pakati ko Mr. Hutton no Mr. Bowker. U Mr. Bowker lolukulu utshaba lwabantsundu, maze kungabiko umntu umnyama uyakuhlala ekaya mini kuvotwayo, kodwa kusuke nejingxela ukuya kuxhasa u Mr. Hutton, angake aye e Palamente u Bokolo.

IMALI eyamnkelwe ngu Rulumeni ngololiwe ihle nge £10,000 ngenyanga efileyo.

SELEMBOVU ukuba angene uloliwe e Dayimani, intsimbi acancata kuzo zingene e Du Toits Pan ngo Mgqibelo ongapaya

AMAKOSI atunyelwe e Kapa nga Mampondo ukuya kuteta no Rulumeni ngento zelo ngo Mhlangazo Faku; Oham (unyana ka Mqikela); Umdiliza, ipakati; u Mr. W. Barnabas, ikumsha; no Mr. D. Strachan, ositeti. Anduluke e Natal ngolwesi-Tatu lweveki egqitileyo.

IMALI ebutwe ngu Rulumeni wase Natal ngololiwe belozwe ingapantsi kweyenyanga engapambili nge £3,288.

IGWANGQA abati ngu Clarke elalifakwe entolongweni yase Ladysmith, e Natal ngokubulala usibali walo ligwetyelwe iminyaka emitatu entolongweni.

AKABANGA maninzi njengenx' engapambili amatyala atetwe yijaji e Bayi ngolwesi-Bini olugqitileyo.

IMPI yase Komani emhlope ibinentlanganiso ngepezolo yokucasa ihambiso ka Foros yokufudusa Abatembu e Guba. Amabhulu ebeneyawo intlanganiso ngeveki egqitileyo akuko meleza oko.

ABANYULI abamhlope base Rini benze isicelo ku Mr. John E. Wood ukuba atabate indawo yomfi u Mr. Jonathan Ayliff e Palamente. Uvumile

U RRV, CANON WOODROOFFE, M.A., wazisile ukuba uyalishiya ibandla abengumfundisi walo iminyaka emininzi e Somerset East wamnkela indawo yokuba ngu Mhloli Zikolo e Transkei.

I RULUNELI isuke namhla e Kapa ukusinga kwelama Betshuana nase Lusutu.

I RULUNELI U Sir H. Bulwer ubeke wapu- ma enqanaweni wahlala usuku e Bayi. Usi- nge e Kapa ngo Mvulo ngokuhlwa.

INKOSANA U Mora, yelama Betshuana ibanjwe ibaleka namadoda amabini ngokutshisa indlu yegwangqa u Jarvis.

IDABI elihle e Lusutu pakati ko Lipoko into ka Masupha, no Ramanella litabate intanku ezine besekufe amadoda alishumi elinesibozo, ukuzisa kolwayizolo. Kukangelelwe ukuba kudibane inkosi u Ntengo no Mama kamsinyane.

IZIJOLI za Mampondo sezihlangene ne Ruluneli zifuna kubuyiselw'e ku Mampondo umhlaba wa Maxesibe nezibuko lo Mzimvubu.

NGOLWESI-TATU, OCT. 28, 1885.

ODLELW' INDLALA.

AKUBON' ukuba utabate umjikelo omkulu wokubhalelana, u Mr. DE WET ubuye wamqetula oka MABANDLA. Nakuba esisenzo singesikulu kuyapi emehlweni abamhlope, kodwa kwawetu bantsundu sikulu kanye: engaba ke asiyifezi indawo yetu njengomlomo wempi emnyama ukuba asikuvakalisi oko.

Soka ke senze ibalana elifutshane ngalomcimbi ukuze umlesi abe nokuvibona indawo esiti ngayo u MABANDLA udlelw' indlala. Into iqale kwintlanganiso apa ezabako mayelana nokuqala konyaka—ezaziko naku Mangesi zokubulela ukufika ko Sir CARLES WARREN cwayetunywe ngu Mntan' Omhle ukuza kucita Amabhulu awayepanga umhlaba wa Bahlambeli. Eyabantsundu ibonise nendawo yokuba bona basazililela imbiza zenyama zase Jeputa zokupatwa yi Nkosazana. Ukolise ngokubako u MABANDLA kwezintlanganiso. Ite kanti lento ayamnkelekile kolulaulo luxhaswa nga Mabhulu sinalo. Kufunwe ke icebo lokumohlwaya, kwafunyanwa ukuba umzukulwana ka QUNTA kuko ilotyana azifumanayo ku Rulumeni kuye ngati zihamba kwi £12 ngonyaka- ezinjengezo zinikwa inkosi zonke nezazirolwa kwakudala ukubonisa imbeko ayinikayo u Rulumeni kwinkosi zetu. Usuke kodwa namhla waputuma olwahlobo aquba ngalo kwabazicaka zake—lokuba zingapenduli kwingxoxo zonke eza- yamene nolaulo. Lento ibingazanga yahanjiswa kwinkosi nakwizibonda, yinto eyazekayo ukuba izibonda nanamhla zinyulwa kuba zinokupendula kwimicimbi; kwakona akazanga azise u Rulumeni ukuba ngokufumana ezotikana inkosi nezibonda ezintsundu azisenakupendula kwinto ezipatelele entlalweni yazo. Kambe uko nomnye umteto kwakule ite yapatwa ngayo lenkosi, oti ngapambi kokuba kutetwe ngokukutshwa mayanekwe pambi kwake into amangalelwa ngayo ukuze ayicaze okunye ayikanyele ukuba unako. Endaweni yoko usuke wakutshwa ngapandle kwenteto. Amapepa endaba onke ayigweba lento esiti kulahlwa kobulungisa nemfanelo ngu Mr. DE WET, ote ke yena wabehla wabeka sizatu simbi sokukutshwa kuka MABANDLA, esisesokuba ubemi endleleni yabantu xa babefuna ukuhlaula irafu zabo ku Rulumeni. Kuvuke olunye udaka ate watyolwa ngalo u MABANDLA; kutiwa ubeqeshisa ngomhlaba ka Rulumeni, ubemi endleleni yegqira ekunyangweni kwengqakaqa—into zonke ezaneleyo ukuba afanelwe zizohlwayo ezikulu. Asikolwanga tina yiyo yonke lento, saza sabongoza u Rulumeni ukuba ake ayicikide. Namanye amadoda antsundu enze isicelo esikwanjalo ku Mr. DE WET. Iqalile i Palamente u Mr. DYER ubehle wacela zonke incwadi ezingawo lomcimbi, wamema u Mr. DE WET ukuba awucedulule. Kutunyelwe u Mr. DICK, imantyi ebaziyo abantsundu nedumileyo ngokupata kwayo ngemfanelo. Ababeko bati wazihlamba u MABANDLA akwasala capaza, oku kutyetyiswe ngu Mr. DE WET ngokwake e Palamente kwimpendulo yake kumbuzo ka Mr. ROSE-INNES awati waleka elokuba u MABANDLA uyakumiswa endaweni yake. Emva koku kubonakele incwadi yombha- leli kwipepa lase Kapa i *Cape Times* eyayirara ngaku Mr. DICK isiti umcimbi lo awuhanjiswanga nge- mfanelo, esati tina ngenxa yoburara bayo ayisakunonelelwa bani. U Mr DE WET kubonakala ukuba yamshukumisa, kuba emva koku kumiswe u Mr. CHARLES A. KING ongumbhali e Xesi (kwa KAMA) ukuba atabate indawo ka Mr. DICK abenguye ngoku ocedulula umcimbi lo. Lo Mr. KING lutshaba olukulu lwabantsundu noluka MABANDLA ngokukodwa, nguye owayengummangaleli wake pambi ko Mr. DICK. Ute yena ukuwupulapula lomcimbi watabata inteto ezitile zenkosi u WELEM no MASINGATA nabanye, wasuka ngapandle kokumva u MABANDLA wazitumeta e Kapa, waba ke uyakutshwa! Nazo ke inyaniso esikolwayo ukuba nenewadi zakwa Rulumeni zinokuzingqina. Simanga- la kuwo wonke umzi wase mlungwini ukuba yiyo leyo na imfanelo nobu- lungisa esihlala sisiva ukuba uhambisa ngabo?

Isiqamo soku soka sisikangele ngelinye ixesha. Abantsundu ngabantu abazinika imbeko enkulu inkosi zabo zokuzalwa—asikateti ngezimiswa ngu Rulumeni. Kuba zizelwe zizinkosi ziyakufa zizinkosi. Kulungilena ke ukuba Umpatiswa awenze rara ngaku Rulumeni amadoda anesitozela esingaka ngento engabonakaliyo nehgeyiyo imfanelo? Ngesazi u Mr. DE WET okwei hlayo ngo MQIKELA, owayenjiwenje ukukutshwa ngu Sir BARTLE FRERE, basuka abantu bake bambuyela okunye. Siqinisekile ukuba elinyatelo linye liyakubanga ukuba u Mr. DE WET angaze abuye atenjwe ukuba unokwenza imfanelo entweni yabantsundu. Sifuna imfanelo, imfanelo, imfanelo yodwa, kungeko nto iyakumanelisa ontsundu ngapandle kwemfanelo.

Amanqaku.

ITE yakuvakala e Kapa into yokuba u Foros ubafudusa ngamandla abantu kwelakwa Tato wakauleza u Mr. De Wet ukuyikanyeza lonto. Wenjenje ukuzipendulela kwelinye lamapepa ase Botwe eliyi *Cape Times*: —" Akuko nyaniso kwinteto ebonakeleyo emapepeni endaba, yokuba ubafudusa ngamandla Abatembu u Rulumeni. Into ekoyo yile u Foros ubebacazela isigqibo sebandla le Palamente entlanganisweni, wabhekisa kwabo bavumayo ukufuduka ukuba bamazise. Baninzi ke abate bakukhova ukuya kulipanda elo liku Tsolo bavuma ukufuduka. Akuko kupitizela nakukalaza pakati kwabantsundu ngenxa yoku kwenziwayo, nakubeni abamhlope abacase lo Rulumeni upeteyo bazamayo ukufumana ituba lekumohlwaya u Rulumeni."

TYAPILE sikuve zwindini, kuba siqonda tina umzi awugqali kakuhle nokuba ukufuduka oku yinto esemandleni awo ayinjalo sinina. Mababe bayaqonda abantu ukuba abaqutywa ngabhaxa, kungeko negunya, sisazi tina akanalo u Rulumeni elokuba enjenjalo. Into exelwe ngumbhaleli okwelo lakwa Gcina, oti nabahleliyo bayasuswa kwindawo ezingamanqata ayidibani kakuhle nalenteto ka Rulumeni. Sova kambe kwanga'mawetu akutetayo ngalendawo anyhwamazisa umzi wabamhlope ngayo Umpatiswa Wabantsundu.

SICELWA ngamalungu entlanganiso yamadodana ase Transkei ukuba sivakalise umbu- lelo wawo ku Mr. P. H. Pottor wakwa Msesane, ngesipo se 5/ asinikele ukunceda indyebo yelobandla. Anetemba amadodana ukuba esisipo sesokuqala esinjenge nkonjane yokuqala ebonisa ukufika kwehlobo elizezinye izipo ukuze icume.

ICEBO apa lombhaleli wetu u "Paula" lifumene indlebe ezininzi kumapepa Amange- si, elase Nyara kodwa—i *Advertiser* yenze inqaku elinengqondo eke lenziwa ngelicebo. Liti, "Umbhali epepeni labantsundu lase Qonce ucebisa ukuba amasela abekwe umtshi- so esidleleni. Elicebo belingapuma kumntu osand' ukupuma ebunyameni. Make siti elisela maliguquke libe ngumntu olungileyo, ngubanina onokuwukwelelisa umtshiso?"

"IMO YEZINTO" ligama lencwadana engesi Ngesi ebhalwe ngu Mr. Meshach Pelem. Kuqala yayiyinteto eyafundwa kwintlangaNiso yomvumo ngo 14 Oct., ebeyongonyelwe ngu Judge Buchanan, inkulu yejaji zase Dayimani. Sinazo kuti apa incwadi ezo ezinokufunyanwa ngesheleni ene peni kofuna etunyelwe ngeposi. U Mr. Pelem ngokuzalwa ngu Mtembu, wafunda e Nxukwebe, ngoku ngutitshala apo e Dayimani. Sisazi- misele ukuke senze impawana ezitile ngenteto yencwadi leyo, kwanamazwi obuciko e Jaji leyo ibiliciko elikulu le Palamente yase Kapa ngemini zayo pambi kokuba ibe yijaji. Incwadana le singati ibhalwe ngobugcisa, ibonisa ukuba ilungiselelwe ngenyameko enkulu, ingambuyisela yonke inxamleko yake ote wayilesa. Kwanjengokuba ebesenjenjalo ngemini zetu zasemfundweni u Mr. Pelem, simfumana esateta ngokalipo, esazigibisela nganzima intshaba zake. Yona inteto yejaji ibifanele ukuqwalaselwa kakuhle ngamadoda apete imicimbi yabantsundu.

ASISENAKWALEKA nto kumazwi osizi awenziweyo ngamapepa ngokufa kuka Mr. Jonathan Ayliff, kodwa egameni lamawetu singati udaba olu luyakwamnkelwa ngosizi olukulu, kuba lomfo ka Ayliff ubebekwe kunene—kwa igama lika Elefu linesihomo esikulu kuti batmnyama kuba lidibene nenye yento enkulu ebalini lenxenye yetu.

E Lusutu.

[NGUMBHALELI WETU]

Morija, 22 Oct 1885.

Ndibhalanje kusand' ukufika isitunywa sakwa Masopa, esibikela inkosi u Letsie, ukuba u Masopa upumile nemikosi yake ukuya kwa Ramanella apo sekubulewe urnntu, omnye bamhlabe ngemikonto. Nanzo ke iziqatno zezizipitipiti bendibalisela abalesi betu ngazo. Inkosi u Lerotholi uti yena uyabona ukuba u Rulumeni akanamsebenzi kweli lase Lusutu akufanelekile ukuba abantu bamane ukubulalana eko.

E Rura.

23 Oct. 1885.

Umhlobo olapa usibikela ezokuba basebunzimeni ngendlala nentswelo, noko sebekufupi ekupileni. Eyokuqala ingqolowa iyavutwa, ezika May ziyakusikwa ekufeni ko November ize ezinye ngo December no January. Kubonakala ngati umzi uyakupila yingqolowa, namazimba selepandle, sinetemba kulonyaka. —Umfundisi omkulu u Rev. J. Walton. M.A., ubelapa ngo 20 Oct., sane- ntlanganiso enkulu emnandi, kwatetwa naye ngamadoda inteto ezilungileyo, kwateta abantu abatatu o Mr. Joel Gai, Mr P. Mpahla no Mr. Joseph Mpahla. Wabhalelwa incwadi entle kunene, ebulela impato yake ukubantle, bautyila ekuhleni umoya wabo ukukoliseka kwabo ngabafundisi babo abantsundu ndayipaula lonto ukuba abantu abantsundu balapa bayabatanda abafundisi bohlanga lwabo.

Transkei.

[IVELA KUMBHALELI WETU.]

Oct. 20 1885;

Soloko imvula yagqibela ngalamhla kwazala umlambo i Gcuwa; sesisoyika ingati sesinye, nengca seyibuna kwezinyo indawo. Lento yokungani iyakukumanqisa imbewu.

Amadoda ase Dutywa ate inkosi u Sigidi unentliziyo ebuhlungu ngomhlaba wesibonda se Mfengu elingu Mtanda; uti samiswa nguye kulondawo ngako malilaulwe nguye angatetinto u Chief Magistrate u Captain Blyth, C.M.G. Lonto naxa ndiyiteta kancinane nje inkulu; ndive omnye umntu eyikankanya ngendlela eposisekileyo, ndati kuba ndiqondile ukuba lotnbhaleli wetu akayiqondi ndamcazela. Msani ukufumana nimbeke igxeki umpati, kone kwa abetu.

Umntu obegqita e ofisini e Willowvale engumhambi uti ugqite nge 18 Sept, umantyi wakona eyawangene entweni yake kade yokutuka ngesi Ngesi nangesi Bulu amapolisa abantu abantsundu alapo. Kuba kambe kutiwa umfo lowo uwanikina imihla nezole kuba into leyo eyitanda ukuyenza; bakumbula u Ngqabe kanye (Mr. Streatfield).

Indaba ezivela e Ngxakaxa ziti kuko umlungu odubule omnye.

Nge 28 Sept, bekutetwa ityala lobusela e Butterworth, umbona ka Sincontsa wesika Nkata ubiwe, ingxowa yonke yombona ngumninawa wake u Mkwali benomfo omzi ukufupi kuye ongu Mboyi. Imantyi ite mabarole £5 emnye ukuba abanazo bahlale entolongweni inyanga ezintatu.

Kufike e ofisini e Butterworth umfazazana olusizana, wesika Ntsimango, e Khobodi ekusoloko kwatiwa makarafe arole neyendlela imali, arole neyegqira imali, arole neye teacher imali, kanti asilosiko labahlolokazi elo. Lomfazazana indoda yake ngula nyana ka Kondlo owasala mhla ngeduli elikulu, wawa pambi kwenkosi yake u Mawala. Lento Mangwane lihlazo; uti lomfazana anizange nimbike nakwa Rulumeni ukuba afumane imali yobuhlolokazi, njengoko kunjalo kweli lapesheya kwe Nciba. Balungiseleleni abo (bafazi) bangabahlolokazi bobabini, okamfi u Mtati, nokamfi u Mevana. Kutiwa anibakatalele kanti bawa njengamaroti pambi kwenu.

Kuko into ekulileyo apa yokuti kubiwe impahla iqutywe kuyiwe kutengiswa ngayo ukutya kwelinye ilizwe. Ibokwe ibiwe ku Samuel Maja ilahleke kwasekubonwa ngesikumba evenkileni ka Mr. Matz, wasuka yena umlungu wati akateni yena utenge isikumba eso yena. Namahashe amatatu esakwa Feltman abiwe, kubonakala ukuba aye kutengisa ukutya.

Ubusela bukulile yesheya kwe Nciba, ukususela kwelixesha lenyanga engu September lo ugqitileyo. Efameni ka Captain Feltman kubiwe inkomo ezisibozo, umkondo upela ujonge kwisizwe sika Mapasa Mzanzeli, inkosi yama Palo. Lento ubusela siva ukuba ibange isipitipiti esibi kakulu emdeni wa Mamfengu naba Tembu; uti oyibalisayo kute ngenxa yokubelwa kwa Mamfengu kakulu ngaba Tembu besangakwa Matanzima suke ngabusuku butile afunza Amamfengu mzini utile waba Tembu, batimba inkomo negusha nebokwe nempahla ezisetyenziswayo, lwenziwa amahlazo usapo. Kusile la Mfengu abanjwe onke nenkosana zawo yi- mantyi yase Mbulu; ngoku liyatetwa elityala. Bati abaxelayo Amamfengu adinwe bubusela baba Tembu, nemantyi isuke iti nani ningamadoda ziboneleni ngokwenu, bati sizibonele ke ngoluhlobo.

E Gcuwa esikolweni kubiwe igusha ka Mtwayi, ngobusuku bolwesi-Hlanu 2 Oct. kusile kwacelwa izindlu yafunyanwa entangeni yabafana abahlanu igqunywe ngengubo zabo zokulala. Imantyi ibagwebe £5 emnye nokuba inyanga ezintandatu etolongweni. Amagama ababafana ayazeka kakulu, ngawona mahomba ase Gcuwa kodwa leloqela elati mhla ugemvuselelo ka Rev. C. Pamla alazinikela njengabanye, kanti linetemba legusha zabantu.

Singavuya ukuba yinene inteto esiyive ngomfazi wase Ngqushwa ohambele apa e Tanga, uti ipelile indlala kwelo avela kulo uti ingqolowa selidubula, okunye uti ukutya kutshipu, ingxowa yombona 15/. Ninetamsanqa ukuba yinene lonto Ngqushwa. Tina apa lite lakuna wadula umbona akunge fumani ngxowa yambona ngapantsi kweponti ezimbini ezineshumi lendaliso (£2 15/. Imbangi yoko kuti besekufumaniseke itamsanqa lokurwetywa kombona e Mzimvubu zasuka inkabi zafela kona zabantu, yinqaba into ekuzisayo apa ukutya kwabantu, ibe yona indlala ibiza, ungafika kuzele abantu edolopini e Gcuwa. Nani makoloni ukuba ninenkabi yizana niye kutwalela abazalwana benu inkinqa yabo e Mzimvubu.

Umkondo wenkabi ezintatu ezibiwe efama ka Mr. Feltmani uye wangena ebuhlanti bo Mngqika kwa Centane, esizweni esipetwe sisibonda osingu Bomboto. Into esimanga site isibonda naxa sibona nje ukuba inkomo zibhangele apa, sasuka sati amasela aziwa nguye, yabakuti lempi yase fama sipe izindlu, wala. Sisakangale kambe iqinga aquba ngalo u Bomboto. Umninimzi ngu Myoyo. Amasela ala nani Zibonda.

Indlala inezimanga nayo ngoku. Uti oxela elinye ibali layo: kute kuhamba indoda nomfazi wayo enomntwana omncinane yakula yona indlala kubo bobabini, yada yegqita endodeni, uva umfazi selisiti indoda, mfazi ndilambile, wati umfazi uti manditini. na. Suka indoda ndimunyise, yambamba ngamandla, yati yakugqiba ingahlutanga noko, yati ndinike lomntana ndimdle, wala umfazi, yabambana ngaye, kwanceda ukuba kuvele abantu, waba uyasinda ke umntwana.

Elinye ibali lendlala liti: ite indoda emfazini wesibini uyabona indlala inkulu, kautyelele kowenu, akayiqonda ke lonto umfazi, wala, suka indoda yacinga ukumbulala, yamema ezinye izigebenga ezibini, yayilemini umfazi azakuya evenkileni etile, suka xa akulentsunguzi isinga evenkileni, wabona

ngapambilana **kwake ngasematyolweni** abantu. Oh, kuko nendoda yake, waselesiya **suka** kwapuma nto **yimbi**, yonda ngaye, yaselimgwaza kuqoqoqo ngebozo, suka kwangeloxesha, tu abantu ababini nga- londlela, suka izigebenga ezo zatnrolela etyo- Iweni **umfazi** lo, zabaleka; kanti ababantu bayakufika babone igazi nengqushu endleleni, balanda bayakufika esidumbini **somfazi** abamaziyo etyolweni. Baya kuhlaba umko- si endodeni, eyasuka yazotukisa. Kanti noko ngendlela **ebengayilindele** indoda ya- tyileka yonke lento, wabanjwa **umduna**.

Ezingqai inkosikazi ka Qotile ibeleke amawele angamakwankwe. Kute **ngemini** engapaya kwabeleka indodakazi yalomfazi yatsho ngamawele, intombi nenkwenkwe. Ababantu bahlala ndlwininye, omnye **ukwesinye** isilili omnye ukwesingapaya ; abe lo Qotole enoo nywa ngendlala; asazi **ukuba** lomhlambi nyakondleka ngayipina indlela.

Uti utnfo ovela e Willowvale kwa Gcaleka kute e ofisini isibonda esingu Bom salinga sati **emantyini** yaso, nkosi ndiyakubongoza ndisayinele incwadi yam, kukude apo ndiya kona. yati kuba imantyi iyanconywa kakulu **ngomsindo**, akaligqiba u Bom, yati uqubani wena ungxamileyo, yaseliyalela amapolisa ayo uknba isibonda eso sifakwe etolongweni. Zasuka izibonda ebezilapo zetuka kuba le-

Amadoda amabini akwa Mapasa e Tutura u Yekani no **Nkunzana** abanjwe kwelitafa lo Mkonkoto lipolisa lika Captain Blyth u Mbouela. Ate lama Gcaleka mabini pambi ko Blyth bebeya **kulalela** impahla **ezinjenge-**

EZASE RODE KWA GCINA.

[IVELA KUMBHALELI WETU.]

Oct. 22, 1885.

Zibambene ngazo.—Imvula yona inile umhlaba uyavuya, ngumntu yedwa kulo wetu ummandla oxalabileyo—umzi unge- nelwe. Elazwi laka lafikelelwa kwimihla- ti yelopepa ngokufuduswa kwalempi ya- se Glen Grey isingiswa ku Qumbu liza- mela ukuba yinto. Kutiwa **mayihambe**. Ibuyile **enyi** indoda ebike isisibonda, eya- yayakuhlola elo Qumbu, yabuya ikoliwe lilo. Sindulukile isibonda ebesimise inyawo simangala esite ngokumelwa ukuba" sisinge kwenye indawo kwakweli la- ba Tembu **sakumangala** i Qumbu naba- ntu baso, sati ukuncama soke siye kuli- hlola elo **Qumbu**.

Indaba zamawetu ziyawa ngapaya kwengqondo yomntu. Kuvelwe abatile be- zincokolela ngezakwa Qumbu—ute omnye, inkomo yakona izala kabini ngo- nvaka, indoda ukuba inemazi zontlanu, izisenga zontlanu, umbele weyakona uruqa pantsi, lamatole kutiwa ngawodini selezala. Akusatshiwo tina apa ukutiwa li Qumbu, kukwa '**Bonxambele**' gama timbi li Bobosi. Into zakona zinkulu zo- nke sikumbule elazwe bekutetwa ngalo kutiwa kuse Latakisa, apo kuntakumba zingangembila, zipunyelwa ingqina nge- nduku.

Kutiwa akuko lunyanzelo kolufuduso, **kusatetwa** ke izwi esalipaulayo nanyaka- na yaqukunjelwa **lengxoxo** enkundleni yase Kapa. Sixakiwe kodwa,—masili- nganisele, esinye isibonda apa Eguba si- mangele ukuya ku Qumbu, kwatiwa ke masibheke e Xonxa, kutiwa kwakuba lapo kuba i Xonxa siyalazi, sakumelw ngalo, sati soke siye kuhlola elo Qumbu, ngokwazi i Xonxa into eliyiyo ukuba ngumqwebedu apa **owashiywa** ngabanini bawo ngenxa yendlala nokubalela, nanamhla noko kuntsuku imvula zanayo, uti ovela kona, kukona ingca isavele nge- ntloko, ngumhlatyana ofanele abafuyi **benciniba** kanye. Ukuya kubekwa kb- na ususwa konjenge Guba, kunjengoku- betwa. Hayi ilishwa **lomhlaba** wakwa Tato, owahlala Usezandleni, ubantu bahlala besaka besuka-suka, asinguwo owa- mahlwempu; nazipalukana zininzi esi sase Guba sisodwa. Iminyaka isemitatu kupela zakiwe ezindlwana zimiyo. U Folose okutshelwe umcimbi wokuwa- shenxisa lamadoda selebuye wagaleleka - ubeyihlanganisile impi—wayixelela ukuba useze nezwi lezolo, wazama ngendlela zonke ukubonisa ukuba lilungelo labo ukushenxa. Ulicacisile elokuba akuko lunyanzelo. Ute esitsho wati noko **lo- kuba** niyalimangala elo lakwa Qumbu niyakushenxiswa kona apa ngapandle kwamatanda, niye **kufakwa-fakwa** ku- manxiwa angamiweyo kwakweli laba **Tembu**. Yinto ke le ebete baxakwa abatile nakuba umzi ulikupile **mhlope** ilizwi lawo kwelo tshawe lingu Folose, waliqa- mbisa **ngokungafihlisiyo**, wati ' asinako,' ukusoloko sitwele impahla ezintloko. Kwatiwa nyakana apa sasuswa **emzini** yetu **esayisebenzayo**, sishenxela **uloliwe** ukuze sibe kwezintaba nje **nakwezingxingwa**, kwatiwa anisokubuye nicukunyi- swe **sebenzani** imizi yenu, namhla kuti xa kuqala imigqupa emizini yetu shenxe- lani uloliwe, endaweni **yokuncedakala siyabhubha**.

Akuko bani utanda kuxaba endleleni **azinyulele yena** u Rulumente, kodwa noko akuko bani ungayikutsho ukuti isi- . manga lento yenziwayo. Nangapandle kwelazwi lomzi elasingiswa kwisigidimi sakomkulu lokuba kudala kuhanjwahanjwa, nakuba nalo **lilaula**, lendawo yokuteta ngokushenxisa abantu xa bate xakalala ekulimeni ibete soma imilomo **sazidenge**. Kutiwa kolinywa **kwezonda- wo** kuyiwa kuzo, lisikizi **ke lonto sakufu- na** ukuhlala pezu kwayo ngokuyicinga izitombo zipandle sitetanje, ke apo kuyiwa kona ukuba ayihlanga ine bopelelwa hxa **lokuzifakela** ezontanga zabo. Yimfa **nakwabahambayo ngati** bayakomela esi- tubeni, pangabi nandawo bayakutula ku- **yo, boti befika apo baya** kona libe liba- shiyile ixesna. Kutetwa ngembuyiselo yembewu nenxamleko,, kuko mbuyiselo ingenzelelela unyaka olungileyo, njengo- kuba silindele ngako kulo ? Tmbuyiselo eyanezisayo yile, sibe sisiti siyihliselwe pezulu, imvula ke—u **Rulumente sitemba** ukuba woquba **ngokunyamezela** asiciki- de isimo okuso umzi, ungenzakali. Ma- ndingazibokoxi **akukabipi**. Taruni ma- . bandla akwa Tato, taruni Magcina.

KUBANYULI BASE BOFOLO.

Njengepepa labantsundu elimi embonise-Iweni, singa singabhekisaamazwi amafutshane kumhlambi wakowetu ongabanyuli ose Bofolo.

Ngolwesi-Hlanu olugqitileyo knbe kumiswa e Bofolo ngamaqela 'ngamaqela eyona ndoda afuna iye e Palamente endaweni ka Mr. Laing, Amabhulu na Mangesi ati makutunyelwe into ka Bokolo ese Nxnba. Njengento eninzi yamadoda alomlibo, u Bokolo lo ngumfo ovana na Mabhulu kwanento zase Bubhulwini: Emabhulwini ontsundu akanandawo ngapandle kokuba asebenze irnisebenzi yonke le kudla ngokutiwa ipantsi. Amabhulu ahlanza okwezolo kukuba iskep. sei (ngabnla wona) esingu Kafile sifundiswe. Ayifungele lemali sifundiswa ngayo uknba ayipelise, nomhlaba esiwumiyo nfungelwe ngawo. Baze bagcine ke abantu bouke bakowetu ukuba angangeni e Palamente u Bokolo lowo. lya kuba lulonakalo lodwa ngakuti.

Indoda engumhlobo otndala owazekayo esifuna ingene ukuze sibe netemba lento

Ezababaleli.

I RINI NE TOURNAMENT.

Graham's Town Oct. 1, 1885.

NKOSI YAM,—Nceda **njengokuba sabona** epepeni elo le *Mvo* **lenyanga** engu July elati inene lase Bayi ukuzibiza lingu "Longfield" lati licinga ukuba i Tournament yokupela kwalonyaka ibe lapa e Rini, njengokuba lisiti lipakati. Nati ke siyavuma ukuyamnkelela ekayeni letu i Tournament leyo ukuba ingqibo yileyo.

Sicela kanjalo okokuba ziti zonke i team eziya **kuyingena** lo Tournament zincede ngokutumela amagama e Club zawo ukuze sazi inani **laxo** zibonakale kwipepa lo- kugqibela lalenyanga—kwi *Mvo Zaba*- ntsundu, siyakulindela ekupeleni kwenyanga.

Nantso kambe i Tournament yokuqala kwabantsundu. Enkosi Mr. Editor nge- ndawo kwelopepa nangexesha lako **loku- manyamezela**.

S. T. DANGA.

Pro. Graham's Town N. C. C. Committee.

NOTES FROM GLEN GREY.

[FROM OUR NATIVE CORRESPONDENT.] October 20, 1885.

No sooner had the meeting convened at the Indwe Poort dispersed, than the long, and eagerly expected 'spies' arrived from the Qumbu.just in **times to** catch Mr. Frost. It will be remembered that it was through their not having arrived that no progress was made in the business of the day if we mistake not. The report they made on the merits of that country was in most glowing terms; hence recruits were not wanting for joining the party bound for the Qumbu, even among those who at first refused point-blank to go. This of course was promising.

